Isalathiso: 20170911-4785
12/17/9

Imibuzo: TG Cloete

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0008/2017

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo, kuBasebenzi be*SLES*, nakwiiNqununu kunye nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziziiprayimari neziziisekondari

Isihloko: INyanga yeLayibrari yeSikolo kuMazwe ngaMazwe — ngo-Oktobha 2017

1. Iilayibrari zibaluleke kakhulu kuthungelwano lwamazwe ngamazwe (*global network*) ukwenzela ukuba sibe nako ukufumana ingcaciso. Kubalulekile ke ngoko ukuba iilayibrari zezikolo zethu zibe ngawona maziko okwenene angumthombo wolwazi ekufundwa kuwo kwanokuba ubaluleko lweelayibrari zezikolo lube nokunikwa ingqwalaselo ngokubanzi.

2. Ngo-Oktobha 2017 iilayibrari zezikolo eMzantsi Afrika nakwihlabathi liphela ziya kube zibhiyozela zikwakhuthaza iinkonzo zelayibrari nengcaciso ezikolweni, zisebenzisa umxholo othi, **"*Connecting Communities and Cultures*"**. Inyanga ka-Oktobha yabhengezwa njenge-*International School Library Month* (*ISLM*) yi-*International Association of School Librarianship.*

3. Ukubhiyozela i-*ISLM* makubonwe njengokuqaphela indima nobaluleko lweelayibrari kwimfundo yobomi bonke (*lifelong learning*), o.k.t. ukubonelela ngezixhobo ezibalulekileyo zolwazi lokufunda nokubhala (*literacy*) kwakunye nezixhobo zokufunda nokufundisa (*learning and teaching support material*) (*LTSM*) kwinkqubo yesikolo iphela. Uphando kumazwe ngamazwe lubonise ukuba abafundi baphumelela kwinqanaba eliphezulu yaye baba ngabafundi abanobuchule xa besebenzisa ilayibrari yesikolo eneencwadi eziluncedo kakhulu, kuqukwa neencwadi abafundi abathanda ukuzifunda kwaneenkqubo ezicwangciswe kakuhle zengcaciso yolwazi lokufunda nokubhala (*information literacy programmes*).

4. Ukuze kube nokubhiyozelwa ubaluleko lweelayibrari zezikolo ngethuba le-*ISLM*, kukhuthazwa abo baphethe iilayibrari zezikolo kwihlabathi liphela ukuba bakhethe usuku ku-Oktobha 2017 olulolona luyifanele ngakumbi imeko yabo.

5. Kucelwa uvule la maxwebhu akhaphayo aqhotyoshelwe apha:

5.1 aneengcebiso ezininzi ngeendlela izikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) ezinokuyibhiyozela ngayo i-*ISLM* ka-2017;

5.2 anamaziko ewebhu aluncedo ekunokungenwa kuwo; kunye

5.3 nelogo esemthethweni ye-*ISLM* emayisetyenziswe kwimathiriyeli yokwazisa uluntu (*promotional materials*) (qaphela ukuba le logo ivumeleke kuphela ekusetyenzisweni ukupapasha i-*ISLM* hayi kwiinjongo zoshishino).

6. Kukhuthazwa izikolo zithumele ingxelo epheleleyo (kuqukwa nemifanekiso) ngezikwenzileyo ngethuba lokuqhubeka kwesiganeko i-*ISLM* kwaba balandelayo bakwa-EDULIS nakumagosa ee-ofisi zezithili, ngenjongo yokuba ipapashwe:

Faith Lawrence	UMcebisi ngezeeLayibrari zeZikolo, lSithili seMfundo i*West Coast*	Ifoni 021 860 1562
Janine Ontong	UMcebisi ngezeeLayibrari zeZikolo, lSithili seMfundo i*Cape Winelands*	Ifoni 023 348 4657
Carol van der Heever	UMcebisi ngezeeLayibrari zeZikolo, lSithili seMfundo i*Metro South*	Ifoni 021 370 2084
Timothy Cloete	UMququzeleli weeNkonzo zeeLayibrari zeZikolo, lSithili seMfundo i-*Eden & Central Karoo* lSithili seMfundo i-*Overberg* lSithili seMfundo i*Metro North* lSithili seMfundo i*Metro East* lSithili seMfundo i*Metro Central*	Ifoni 021 957 9626

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEZOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2017-09-12